iinkxaso zee-STB.

**22. Ingaba iza kubiza malini i-STB?**

Amaxabiso aza kwaziswa xa sele ii-STB zikhona. Abantu abangenalungelo lokuxhamla kwisibonelelo sikarhulumente kuza kufuneka bazithengele ii-STB zabo.

**23. Ingaba le nkxaso ihlawulela kuphela imizi ye-DTT?**

Amakhaya ane-DTT nane-DTH aza kuxhamla kule nkxaso.

**24. Ingaba kuza kufuneka ndibhatale intlawulo qho ngenyanga njengakwi-DStv?**

Hayi, i-STB ithengwa kanye. Nakuba kunjalo, kuza kufuneka uqhubeke uhlawula ilayisensi yakho ye-TV.

**25. Ingaba uMzantsi Afrika ungena njani kwindlela yosasazo yehlabathi jikelele?**

UMzantsi Afrika usebenzisana namanye amazwe ehlabathi ngezicwangciso zawo zamaza omoya ngeenjongo zokuqinisekisa ukuba awuyiphazamisi imiqondiso yosasazo yamanye amazwe.

Oku kuthetha ukuba imiqondiso yosasazo yee-TV ezisasaza nge-analogu ikhuselwe, ayinakuphazamiseka. Nakuba kunjalo, i-International Telecommunications Union (ITU) igunyazise ukuba oku kufuneka kuyekwe ngowama-2015. Iingxoxo zokubonisana namazwe angabamelwane sele ziqalile ukukhawulela nokuthintela iingxaki ezinokuvela.

**26. Ingaba le mfuduko ikhe yenziwe kwamanye amazwe ehlabathi?**

Ewe. Imizekelo yamazwe asele ephambili kwinkqubo yawo yemfuduko aquka i-United Kingdom, iNew Zealand, iSweden, iMelika, i-France ne-Mauritius. Ilizwe ngalinye ehlabathini lizibophelele ukutshintshela kuhlobo losasazo lwe-TV oludijithali.

**27. Ngobani abadlali-ndima abohlukeneyo kwaye iyintoni indima yabo?**

**Urhulumente**

Unoxanduva lokuphuhlisa umgaqo-nkqubo wenkqubo yokuFudukela kuSasazo oluDijithali (i-BDM). Urhulumente kwakhona unoxanduva lokuqinisekisa ukuba inkxaso mali ikhona kwi-*Scheme for Ownership Support* kwimizi ehluphekayo kunye nakuphuhliso lwesicwangciso sokwenziwa kwe-STB. ISebe lezoNxibelelwano likhokela le nkqubo egameni likarhulumente.

**Abasasazi**

Izikhululo zokusasaza ze-*terrestrial* kufuneka zifuduse inkonzo zazo ziye kwidijithali. Izikhululo zosasazo ezichaphazelekayo yi-SABC, eTV ne-MNet. Iyakuba luxanduva lwazo ukuqalisa iinkonzo ezintsha nokuthuthela ezi zikhoyo kwidijithali. Amaziko osasazo aza kuziphathela ngokwawo iinkonzo ze-analogu kunye nezedijithali ngethuba lexeshana ezi nkonzo ziza kube zisebenza zombini ngaxeshanye, isithuba eso simalunga neminyaka emithathu.

**Abasasazi bemiQondiso yoSasazo**

Umsebenzi wabo kukuza neziseko zophuhliso zobuxhakaxhaka bosasazo lwedijithali besenzela izikhululo zokusasaza. Abasasazi bomqondiso wosasazo abaphambili abaza kuchaphazeleka yi-Sentech kunye ne-Orbicom emele uMNet.

**IPosi yoMzantsi Afrika (i-Sapo)**

INdima ye-Sapo kukujongana neentlawulo zee-STB, ukukhutshwa kwee-STB kunye nokuhlawulwa kwabafaki bee-STB.

**I-Universal Service and Access Agency of South Africa (i-USAASA)**

Umsebenzi we-USAASA kukuququzelela kunye nokugcina iinkonzo jikelele kunye nofikelelo kulwazi kunye nobuchwepheshe bezonxibelelwano. Njengenalenye yegunya layo kufuneka ikhuphe ii-STB ezisisibonelelo ziye kumakhaya athathwa ngokuba ayasokola kwaye awathathi ntweni amalunga nezigidi ezihlanu anee-TV.

**UGunyaziwe wezoNxibelelwano oziMeleyo waseMzantsi Afrika (I-ICASA)**

I-ICASA inoxanduva lokulawula amacandelo onxibelelwano ngeengcingo nelosasazo. I- ICASA iza kujongana nezicwangciso kunye nokwabiwa kwamaza osasazo, kunye nokukhutshwa kweelayisenisi zeenkonzo zedijithali. Iinkonzo ezintsha zedijithali ngeke ziqaliswe ukusetyenziswa ngaphandle kwelayisenisi okanye igunya elivela kwi-ICASA.

**Abavelisi**

Umsebenzi wabo kukuvelisa ii-STB kunye nokuqinisekisa ukuba iibhokisi ziyangqinelana nemigangatho ebekiweyo.

**AbaThengisi kunye namaQumrhu abaThengi**

Kufuneka banike ulwazi oluchanekileyo kubathengi ukuze bathathe izigqibo benolwazi xa bethenga ii-STB kwaye abasebenzi abathengisayo ezivenkileni kufuneka ukuba babe baqeqeshwe ngokufanelekileyo ukuze bakwazi ukucebisa abathengi ngokufanelekileyo. Iindima yabo kukuqinisekisa ukuba ii-STB ziyafumaneka ukuba zingathengwa ngabathengi phambi kokuba usasazo lwe-analogu lucinywe.

**Iimanyano**

Umsebenzi wazo kukuqinisekisa ukuba ukufudekela kwidijithali ngokwenene kuza kuphucula ubomi babantu nabasebenzi eMzantsi Afrika. Ngaphaya koko, abantu baseMzantsi Afrika baxhotyiswe ngokwaneleyo ukuba bakwazi ukugqiba ngekamva labo kweli lizwe kunye nakuqoqosho.

Inkqubo yokufudukela kwidijithali inika amathuba okudalwa kwemisebenzi xa kuveliswa ii-STB ne-eriyali kunye nokufakwa kunye nokulungiswa kwazo.

Ukongeza, ukumiselwa kwamaziko emibuzo eminxeba njengenxalenye yamalinge okunceda abathengi nako kuza kudalela abantu amathuba emisebenzi.


Ngolwazi oluthe vetshe qhagamshelana ne:

DEPARTMENT OF COMMUNICATIONS: DIGITAL MIGRATION PROJECT OFFICE (DMPO)
Imibuzo: Mashuba Pula kule nombolo: 012 473-0056 okanye
u-Occasiah Mayisa kule nombolo: 012 473-0061
Iwebhusayithi: *www.doc.gov.za*
i-imeyile: *ddt@gcis.gov.za*
Facebook: *www.facebook.com/* GO DIGITAL ZA
Twitter: *GODIGITALSA@DOC*


IsiXhosa

# GODIGITAL SOUTHAFRICA



UMABONAKUDE WEDIJITHALI WE-TERRESTRIAL –
**KONKE OFUNA UKUKWAZI**

the doc
Department: Communications
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

## UMABONAKUDE WEDIJITHALI WE- TERRESTRIAL- KONKE OFUNA UKUKWAZI

**1. Yintoni "imfuduko yedijithali"?**
Le yinkqubo yokusuka kusasazo lwe-analogu usiya kusasazo lwe-TV oludijithali.

**2. Yintoni i-DTT?**
I-DTT ibhekisele ekusetyenzisweni kweepali zosasazo ezisemhlabeni xa zithelekiswa neesathelayithi ezisemajukujukwini zokusasaza ngohlobo lwedijithali.

**3. Yintoni umahluko phakathi kwe-DTT noHlobo loSasazo oluya Ngqo emaKhaya (i-DTH)?**
Ngalula, ezi ziindlela ezahlukeneyo zomqondiso wosasazo. I-TV yesathelayithi isasaza kwisathelayithi esemajukujukwini ofumana amaza kuyo ngedishi yesathelayithi. I-DDT isebenzisa iipali zokusasaza eziphantsi emhlabeni ukusasaza umqondiso wokusasaza othi ke uwufumane usebenzisa i-eriyali ye-TV kunye nebhokisana enezitishi zosasazo (i-STB).

I-SABC, eTV ne-M-Net zinemiqondiso yosasazo ye-analogu kwaye zisasaza ngepali zosasazo ezisemhlabeni. I-DStv ne-Top TV zinemiqondiso yosasazo yedijithali kwaye zisasaza ngesathelayithi.

**4. Kutheni kufuneka sitshintshe sisuke kwi-TV ye-analogu siye kwedijithali?**
Ekumelaneni kunye namanye amazwe kunye nokwenza kuqhubela phambili uphuhliso lobuchwepheshe kwihlabathi jikelele, urhulumente ugqibe ekubeni afuduke kwi-TV eyi-analogu aye kwedijithali.

**Iinzuzo zokusasaza ngohlobo oludijithali ziquka:**

- Isandi esicacileyo
- Amajelo amaninzi
- Isikhokelo se-TV edijithali esilungiswa ngokulula ukuqinisekisa ukuba sineenkcukacha ezichanekileyo ngeenkqubo.
- Imifanekiso ecacileyo necwengileyo. Umgangatho womfanekiso awehli ngenxa yokuba i-eriyali ye-TV ingatsali kakuhle. Umfanekiso we-TV uza kucaca okanye ungabinawo umfanekiso kwaphela. Akuzikubakho mifanekiso ibunkungu.
- I-TV iza kuveza imifanekiso ecace gca, ecwengileyo nekumgangatho ophezulu (i-HD)

**5. Yintoni ekufuneka ndiyenze ukuze nditshintshele kwi-DTT?**
Ufuna i-STB, kuxhomekeka kuhlobo losasazo olukwindawo ohlala kuyo, ukuba yi-DTT okanye yi-DTH na. Inkcukacha ngoku ziza kukhutshwa kungekudala.

**6. Ingaba oko kuthetha ukuba ndifuna idikhowuda entsha ye-M-Net?**
Ewe – idikhowuda ye-M-Net ekhoyo ngoku yidikhowuda ye-analogu kwaye kuzakufuneka endaweni yayo ufake idikhowuda yedijithali. Ngaphandle kokuba uno-DStv okanye i-Top TV.

**7. Yintoni umabonakude wedijithali ohlanganisiweyo?**
Kule minyaka imbalwa izayo uza kukwazi ukuthenga i-TV esele inayo idekhowuda eyakhelwe kuyo. Ezi TV kuthiwa zi-TVezinedijithali efakiweyo kuzo kuba idikhowuda sele ifakiwe kodwa abakafumaneki apha eMzantsi Afrika.

**8. Ingaba ndizakufuna i-eriyali entsha ye-TV?**
Mhlawumbi ungangayifuni. Abanye ababukeli banokufuna ii-eriyali ezintsha ze-TV. Nokuba uyayifuna okanye awuyifuni i-eriyali entsha ye-TV okanye ufuna ukuba kulungiswe i-eriyali esele ikhona kuxhomekeke ekubeni unamandla kangakanani na umqondiso wosasazo we-DTT kummandla wakho.

**9. Ingaba ndizakufuna ii-STBs ezintathu: Enye ye-SABC, enye ye-eTV kunye nenye ye-M-Net?**
Hayi, enye kuphela. I-STB yakho izawukwazi ukufumana amajelo edijithali kubo bonke abasasazi abanemvume eMzantsi Afrika. Amajelo osasazo angahlawulelwayo asebenzisa ii-STB zawo, u-M-Net usebenzisa eyakhe idikhowuda.

**10. Zeziphi iimpawu okanye izinto zobuchwepheshe zezixhobo endiza kuzifuna ukuze ndifumane i-DTT?**
Usasazo lwe-DTT eMzantsi Afrika lusebenzisa ubuchwepheshe be-DVB-T2 nocinezelo lwe-MPEG-4. Ngoko ke, ukuze ufumane usasazo lwe-DTT, imiba yobuchwepheshe ye-SANS862 kufuneka ihlangabezane nezi meko zimbini zilandelayo:

- kufuneka ingqinelane nee-DVB-T2;
- kufuneka ikwazi ukudikhowuda ividiyo ye-MPEG-4.

**11. Ziza kufumaneka nini ukuba ii-STB ezivenkileni?**
Hlala ubeke indlebe umamele isaziso ngokuba ziza kubakho nini ii-STB ezivenkileni.

**12. Siyakundichaphazela nini?**
UMphathiswa wezoNxibelelwano uza kwazisa umhla wokuba kuyekwe usasazo lwe-analogu emva kokuba efakene umlomo neKhabhinethi. Ukuba ngaba awunayo i-STB ngalo mhla, ngeke ukwazi ukubukela naziphi na iinkqubo ze-TV ezifunyanwa nge-eriyali ye-TV yakho.

**13. Ukuba ngaba ndine-DStv okanye i-Top TV, yintoni ekufuneka ndiyenze?**
Ayikho. Ukutshintshela kwi-DTT kuchaphazela kuphela usasazo olufunyanwa kwipali zosasazo ezisemhlabeni. I-DStv ne-Top TV ezifunyanwa ngedishi yesathelayithi sele zifumaneka ngohlobo lwedijithali.

**14. Ingaba ndizawukwazi ukubukela i-DTT xa ndinedishi yesathelayithi kuphela?**
Hayi, kuzakufuneka ukuba ufake i-eriyali ye-DTT kwaye kufakwe ne-STB ukuze ube nokubukela iinkqubo ze-DTT.

**15. Ukuba ngaba ndine-TV ezintathu endlini, ingaba kufuneka ndibe nee-STB ezintathu?**
Ngaphandle kokuba ufuna ii-TV zakho zidlale amajelo awohlukeneyo ngaxesha nye, ngapha koko i-STB enye iyakwazi ukubonisa inkqubo enye kwi-TV ezininzi.

**16. Ingaba kufuneka ndibe ne-TV ye-*high definition* (HD) ngoku kutshintshelwa kwi-DTT?**
Akufuneki TV ye-HD ukuze ubukele usasazo lwedijithali, kodwa ke ukuba inkqubo ibishicilelwe kwi-HD lowo une-TV eyi-HD uzakubona imifanekiso engcwengileyo necacileyo nto leyo ibingekho kusasazo lwe-analogu.

**17. Yintoni ekufuneka ndiyenze ukuba i-STB yam ayibonisi mifanekiso isemgangathweni ophezulu kwi-TV yam?**
Oku kunokuba kubangwa yi-eriyali ye-TV enengxaki okanye iingxaki ekwi-TV uqobo okanye iingxaki zokufumana umqondiso wosasazo ezifana nokusindwa kwamaza osasazo. Iinkcukacha zoqhagamshelwano ziza kubhengezwa ngokuhamba kwexesha. Jonga kumajelo eendaba isibhengezo esisesikweni.

**18. Ingaba ndisengayisebenzisa i-DVD okanye isidlali vidiyo/irekhoda yam nge-DTT?**
Ewe. Kumaxa amaninzi, ii-STB ze-DTT zinendawo yokufakwa kweentambo zerekhoda okanye kwisidlali vidiyo.

**19. Ingaba kuzakufuneka ndithenge i-TV entsha ukuze ndifumane i-DTT?**
Hayi. Zonke ii-TV ze-analogu ziyakwazi ukudlala nge-DTT. Qaphela ukuba akukho TV ikhoyo ngoku ikwaziyo ukudlala amajelo edijithali ngaphandle kwe-STB. Nezo ii-TV kuthiwa sele 'zikulungele ukudlala ngedijithali' okanye 'sele zinayo i-HD' - akuthethi ukuba zingakwazi ukusasaza ngosasazo lwedijithali ngaphandle kwe-STB.

**20. Ndizakwazi njani ukuba i-TV yam iza kukwazi ukusebenzisa i-STB?**
Zonke ii-TV ziyakwazi ukusebenzisa i-STB.

**21. Ingaba sikhona isibonelelo esifumanekayo ukuze ubani afumane izixhobo ze-DTT? Kuzakwenzeka ntoni ukuba ngeke ndikwazi ukuthenga i-STB? Ingaba oku kuthetha ukuba ngeke ndikwazi ukubukela i-TV emva kweMfuduko?**
Urhulumente uza kunika amakhaya asokolayo anomabonakude angaphezulu kwezigidi ezihlanu ii-STB zasimahla. Kuza kuqalwa ngalo makhaya akwimimandla engakwimida yeli kunye nabo bakumandla weSiza esiyiKhilomitha uBude noBubanzi (i-SKA) eMntla Koloni.

La maqela alandelayo afanelekile ukuba afumane iinkxaso:

- Abantu abahluphekayo baseMzantsi Afrika abaneNcwadi yeSazisi eluhlaza.
- Amakhaya anee-TV ezisebenzayo kwaye angazibophelelanga ukuba ahlawule iinkonzo zikamabonakude ezihlawulelwayo, ezifana neze-DStv.
- Amakhaya axhomekeke kwimali yezibonelelo zikarhulumente.
- Amakhaya asele exhamla kwisaphulelo selayisenisi sika-SABC.
- Abemi boMzantsi Afrika abakwimimandla engakwimida yeli kunye nabo bakumandla weSiza esiyiKhilomitha uBude noBubanzi (i-SKA) eMntla Koloni.

Inkxaso esisibonelelo iza kukhutshwa yi-Universal Service and Access Agency of South Africa (USAASA) i-arhente karhulumente egunyaziswe ukuba ikhuphe